Isalathiso: 20190314-2862
Inombolo yefayili: 12/12/6/1
Imibuzo: R Larney

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwaMaziko: 0002/2019

Iya: KuBalawuli (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNqununu zezikolo eziziiprayimari nezezikolo eziziisekondari

Isihloko: Ukuhanjwa kwesikolo ngabafundi bamaBakala 4 – 11 ngethuba nasemva kweemviwo zikaJuni nezikaNovemba 2019

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lizimisele ukuqinisekisa ukusetyenziswa kangangoko kwexesha lokufundisa nokufunda. Luxanduva lwesikolo ngasinye ke ngoko ukukhusela ixesha lokufundisa nokufunda kwanokunika inkxaso kwimfundo ngokupheleleyo kwiintsuku zesikolo eziyi-199 zizonke ngonyaka ngamnye, ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo woKuhamba iSikolo kwaBafundi kaZwelonke (*National Learner Attendance Policy*) opapashwe kwiGazethi kaRhulumente 33150 ye-04 Meyi 2010.

2. Kucelwa bonke abasebenzi abasezikolweni nabakwii-ofisi zezithili baqaphele oku kulandelayo:

2.1 Kwenziwa izilungiso kwimihla yeemviwo zangaphakathi njengoko yayithunyelwe kwikhalenda yokucwangisela izikolo yango-2019 ukwenzela ukuba kwandiswe ixesha lokufundisa nokufunda.

2.2 Luxanduva lwesikolo ngasinye ukucwangcisa iprogram yesikolo yaso ngethuba nasemva kweemviwo kude kube lusuku lokugqibela lwekota yesikolo kwanokwazisa bonke abafundi, abazali kunye nee-ofisi zezithili ngokumalunga noku.

2.3 Izikolo ezifundisa amaBakala 10, 11 no-12 (apho kusebenzayo oku) ziyakhunjuzwa ukuba akuvumelekile ukuqaliswa kweemviwo phambi kwe-**22 Meyi 2019** ne-**12 Novemba 2019**. Nakuba kunjalo, izikolo zingafaka isicelo semvume yokuqalisa ngeemviwo zeprakthikhali kumlawuli wesithili, phambi kwexesha kwizifundo ezithile.

2.4 Izikolo ezifundisa amaBakala 7 – 9 akuvumelekile ukuba ziziqalise iimviwo zazo phambi kwe-**27 Meyi 2019** ne-**18 Novemba 2019**.

2.5 Izikolo ezifundisa amaBakala 4 – 6 akuvumelekile ukuba ziqalise ngeemviwo zazo phambi kwe-**29 Meyi 2019** ne-**20 Novemba 2019**.

2.6 Iimviwo zokuxabangela zeBakala 12 zangoSeptemba azinakuqaliswa ngaphambi kowe-**28 Agasti 2019.**

2.7 Kulindeleke ukuba bonke abafundi babe sesikolweni kangengeeyure ezintlanu (5) ubuncinane ngosuku ngalunye ngethuba lokubhalwa koviwo. Ngoko ke, ukuba isikolo siqala ngo-08:00, asivumelekanga isikolo ukubakhulula abafundi bagoduke engekabethi u-13:00. Ukulungiselela eli xesha lokukhululwa kwabafundi phambi kwethuba, makuqwalaselwe ukhuseleko nokuthuthwa kwabafundi. Kubalulekile, ke ngoko, ukwazisa abazali kwangaphambili ukwenzela ukuba bakwazi ukwenza amanye amalungiselelo.

2.8 Bonke abafundi mabahambe isikolo ngalo lonke ithuba loviwo, yaye oko akubabandakanyi abafundi beBakala 12, abaya kunikwa ilungelo leentsuku ezintlanu (5) zokungayi esikolweni ngeenjongo zokuba bafunde phambi kokuqala kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

2.9 Izikolo azivumelekile ukwazisa abafundi ukuba sisigqibo somfundi ngamnye ukuya nokungayi esikolweni zakuba zigqityiwe iimviwo kwikota leyo okanye xa bengabhali zimviwo okanye zimvavanyo.

2.10 Kulindeleke ukuba bonke ootitshala babe sesikolweni usuku lwesikolo olupheleleyo (iiyure eziyi-35 ngeveki) ngethuba loviwo, kungakhathaliseki nokuba ngaba banayo okanye abanayo imisebenzi yokugada abafundi.

2.11 Ngosuku lokugqibela lwekota yesikolo abafundi mababe sesikolweni iiyure ezintathu (3) yaye ootitshala kulindeleke babe sesikolweni kangangeeyure ezintlanu (5) ubuncinane.

3. Kukhunjuzwa iinqununu ukuba zingenise iithayimthebhile zoviwo zazo kumphathi wesekethe ubuncinane kwiiveki ezine (4) phambi kokuqala kweemviwo. Amagosa esithili aya kubeka esweni ukuphunyezwa kwale miyalelo.

4. Kucelwa iinqununu namabhunga olawulo ukuba bakuqwalasele ngokukodwa ukwenziwa kweeprogram zawo ngethuba leemviwo, ukwenzela ukuba kungaphulukwana nexesha elixabisekileyo lokufundisa nokufunda.

ISAYINWE: NGU-A LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2019-04-05